Umhla: 6 Agasti 2018

ISIMEMO SOKUTHATHA INXAXHEBA KWINKQUBO YOKUVIWA KWEZIMVO ZOLUNTU

ISICELO SOKURHOXISWA KWEMIDA YEXESHA YOKUTHOTYELWA KWEMILINGANISELO YOKUKHUTSHWA OKUSISISEKO KWEZITISHI ZOMBANE ZAMALAHLE NEZIBASELI EZILULWELO ZIKA-ESKOM EMPUMALANGA HIGHVELD REGION, KUNXANTATHU WELIGWA NAKUMMANDLA WASEKAPA

Onomdla Nochaphazelekileyo Othandekayo,

U-Eskom unezitishi zombane zamalahle nezezibaseli ezilulwelo kulo lonke eloMzantsi Afrika. Eyona nxalenye inkulu yomxube wophehlo ka-Eskom zizitishi eziphehlwa ngamalahle ezizinze kwiMpumalanga Highveld Region. Inxalenye yolu thotho iquka inyukliya, i-hydro, i-Open Cycle Gas Turbine (OCGT) kwakunye nezitishi zombane ezisebenza ngommoya kwezinye iindawo kweli lizwe.

I-Minimum Emission Standards (MES) ka-2013 epapashwe phantsi koMthetho woLawulo Lokusingqongileyo: UMgangatho woMoya 39 ka-2004 (NEM: AQA) ifuna ukuba izitishi zombane ezikhoyo zithobele imilinganiselo yokukhutshwa ‘yamaziki akhoyo’ ngowoku-1 Aprili 2015 nemilinganiselo yokukhutshwa engqinqwa ngakumbi ‘yamaziko amatsha’ ngowoku-1 Aprili 2020. I-MES isebenza kuthotho lwezitishi zombane ze-Eskom zamalahle nolwelo lwesibaseli ekufuneka zithobele imiqathango yokukhutshwa epapashiweyo ngexesha elichazwe ngumthetho.

Ngenxa yeengxaki ezahlukeneyo akunakwenzeka ngezitishi zombane ezininzi zika-Eskom ukuba zithobele imiqathango ‘yamaziko amatsha’ ka-2020. Kwezinye iimeko, akunakwenzeka futhi ukuba izitishi zithobele imiqathango yamaziko akhoyo ngeli xesha lifunekayo. I-Eskom ifakela izixhobo zokunciphisa ukukhutshwa (retrofitting) ngokwamabakala ukuze inciphise ukukhutshwa kweegesi kwezona zitishi zayo zinongcoliso oluninzi. Kwiimeko apho izitishi zingenakukwazi ukufikelela imiqathango engakumbi engqingqwa, i-Eskom icela ukuba kurhoxiswe imiqathango yazo yokukhutshwa kweegesi.

I-Eskom izimisele ukufaka isicelo sokubekelwa bucala kwe-MES yezitishi apho ii-retrofits zokunciphisa ukukhutshwa kweegesi kungenakugqitywa ngexesha elibekiweyo, okanye kwiimeko apho izitishi zingenakuthobela i-MES yamaziko amatsha kwaphela. Oku kuyenzeka kwizitishi apho iindleko neziseko zemvelo zifuneka ukuze kugqitywe ii-retrofits zingaphaya kweenzuzo zokufakela ubugcisa ngenxa yexesha elinokuhlalwa sisitishi, imo yomgangatho womoya kwishedi yomoya kwakunye neenkalo ezihamba nayo yokuhlala neyoqoqosho

Ezi zitishi zilandelayo ziza kufaka isicelo sokubekelwa bucala:

- ISitishi SoMbane iLethabo kuNxantathu weLigwa;

- IZitishi zoMbane iGrootvlei-, iMajuba-, iCamden-, iKriel-, iMatla-, iKendal-, iDuvha-, i-Arnot-, iHendrina- iKomati neTutuka kuMmandla weMpumalanga Highveld;
- ISitishi soMbane-i-Acacia (eNtshona Koloni) neSitishi soMbane i-Port Rex (eMpuma Koloni) kuMmandla weKapa.

Esi sicelo siya kuxhaswa:

- isikhuthazo sokubekela bucala,
- I-Atmospheric Impact Assessment (AIR) ejonga igalelo lesitishi sombane kumgangatho womoya; kunye
- neNkqubo yoViwo Zimvo zoLuntu egqityiweyo kunye nengxelo yayo

I-Eskom ityumbe iNaledzi Environmental Consultants CC njengommeli ozimeleyo wokusingqongileyo, ukulungiselela i-AIR, ilawule izifundo zobugcisa ize iqhube inkqubo yoviwo zimvo zoluntu.

Inkqubo yoviwo-zimvo zoluntu inemijikelo emibini. Umjikelo wokuqala uya kukunika ithuba lokuhlola uXwebhu lweNkcazelo eSisiseko (BID) nokugqabaza ngendlela yokulungiselela isicelo, kuquka ukubakho kwiintlanganiso zikawonkewonke. Ebudeni bomjikelo wesibini, isicelo, i-AIR yesitishi eso namaxwebhu oviwo zimvo zoluntu aya kufumaneka ukuze ahlolwe luluntu. Umjikelo wesibini weentlanganiso zikawonkewonke, uya kulungiselelwa kwiindawo ezifanayo zikawonkewonke njengoko bekwenziwe kumjikelo wokuqala woviwo-zimvo. Imihla yolu viwo zimvo iya kuchazwa kubo bonke ababhalisiweyo abanomdla nabachaphazelekayo kufutshane nexesha kodwa kulindelwe ukuba lwenzeke ngoNovemba 2018.

Apha sazisa Abanomdla naBachaphazelekayo (I&APs) ngesicelo esiphakanyiswayo sezimvo zabo namagqabaza kwesi sicelo. Le leta isisaziso saloo nto yaye sitsalela ingqalelo yakho kwezi zinto zilandelayo:

- Isicelo sokubhalisa njengoNomdla noBakandakanyekayo (I&AP)
- Ukubakho kwe-BID ukuze kugqatyazwe ngayo
- Ukwazisa ngomjikelo wokuqala weentlanganiso zikawonkewonke

BHALISA NJENGE-I&AP

Apha uyamenywa ukuba ubhalise njenge-I&AP nokuthatha inxaxheba kwinkqubo yesicelo ngokuzalisa iFomu yamaGqabaza nokuBhalisa equkwe kwi-BID eqhotyoshelweyo.

UXWEBHU LWENKCAZELO ESISISEKO (BID) OLUZA KUHLOLWA LULUNTU

I-BID elapha inikela inkcazelo yesicelo sokubekelwa bucala. Inikela amagqabantshintshi ngezizathu zika-Eskom zokucela oku kubekelwa bucala yaye icela i-I&AP ukuba ithathe inxaxheba ize ibhalise kwinkqubo yokufaka izicelo. Isithuba seentsuku ezingama-30, ukususela ngowe-13 Agasti ukuya kutsho ngowe-11 Septemba 2018, silungiselelwe ukuhlola i-BID kuze kufakwe amagqabaza nezinto ezixhalabisayo ngokuphathelele isicelo sokubekela bucala.

I-BID kwakunye neFomu yaMagqabaza nokuBhalisa enxulumene noko, iyafumaneka ukuze uluntu lufake izimvo zalo ngesiNgesi, isiBhulu nangesiZulu kwiwebhsayithi yaseNaledzi ku www.naledzi.co.za/publicdocuments. Iikopi ze-BID ziyafumaneka kwiindawo zikawonkewonke ezichazwe ngezantsi:

Iilayibrari Zoluntu	I-Adresi	Qhagamshela	Ulayibrari

UMmandla KaNxantathu WeLigwa- iLethabo			
Sharpeville Library	C/o Seeiso and Zwane Street, Sharpeville	016 451 2526	Joyce Ramagole
Sasolburg Public Library	John Vorster Road, Sasolburg	016 973 8463	Patience Khunou
Zamdela Public Library	Stand 3246, Zamdela Community Centre	None Zamdela@sacr.fs.gov.za	Martha Mohapi
Refengkgotso Library (Ntai Mokoena Library)	2195 Phomolong Road, Refengkgotso	016 371 2312/4	
Vereeniging Public Library	c/o Lesley and Mark Ave, Vereeniging	016 430 1724 079 885 9195	Phulani Lethoba
Vanderbijlpark Public Library	c/o Frikkie Meyer & Klasie Havenga Street, Vanderbijlpark	016 950 5251/3	Roy Olifant
IMpumalanga Highveld			
ISitishi soMbane i-Grootvlei			
Grootvlei Library (Grootvlei Mine Town)	c/o Jacaranda and Ring Road, Grootvlei Mine Town	082 447 9019	Nchire Maepa
Greylingstad Public Library	Sechaba Drive, Nthoroane	071 497 2015	Gebe Shabalala
Balfour Ward 3 Public Library	Johnny Mokoena Street, Balfour	078 017 8355	Thulisile Shozi
ISitishi soMbane i-Camden			
Ermelo Public Library	c/o Church and Smuts Street, Ermelo	017 801 3621	Chrisna Calitz
Thusiville Public Library	Wesselton Extension 2 (Close to Reggie Masuku High school, next to crèche)	072 382 2409	Thami Mrubata
ISitishi soMbane i-Majuba			
Amersfoort	Bree & Plain Street, Amersfoort	017 753 1006 083 665 6189	Simangele Lukhele
Volksrust Public Library	c/o Nelson Mandela and Adelaide Street, Volksrust	017 734 6109	Helen Ziers
IZitishi zoMbane i-Kriel – neMatla			
Kriel Public Library	Quetin and Heinrich Street, Kriel	017 648 6249	Rika Horn / Jeannette Soko
IZitishi zoMbane iDuvha - neKendal			
Emalahleni Main Library	c/o Hofmeyer Street & Elizabeth Avenue, Emalahleni	013 690 6232	Nelly Mashiame
Middelburg Public Library (Gerald Sekoto Public Library)	Wanderers Avenue, Middleburg	013 249 7314	Patrick Molemane
Phola Public Library	2426 Qwaabe Street, Phola	013 645 0094	Nomsa Thwala
Ogies Public Library	Hoofweg, Ogies	013 643 1027	Priscilla Sekgobela
IZitishi zoMbane i-Hendrina-, i-Arnot- neKomati			
Hendrina Public Library	44 Kerk Street, Hendrina	013 249 7247	Busisiwe Sibanyoni
Pullen's Hope Library	Kiaat Street, Pullen's Hope	013 296 1300	Sbusiso Nkosi
Rietkuil Public Library	Marula Street, Rietkuil, Arnot	013 249 7803	
UMMANDLA WEKAPA			
ISitishi soMbane i-Acacia (eNtshona Koloni)			
Edgemead Library	Edgemead Drive, Edgemead , Cape Town	021 444 7352	Lorraine Mathewson
Bothasig Public Library	Vryburger Avenue, Bothasig, Cape Town	021 400 2757	Nomvu Gxalo
ISitishi soMbane iPort Rex (eMpuma Koloni)			
East London Central	Gladstone Street, East London City Centre	043 722 4991	Cecilia Mqingwana

Library			(Reference Section)
West Bank Public Library	Hood Street, West Bank Village, East London	043 731 1547	Belinda Pennels
Greenfields Public Library	8 Reitz Street, Greenfields, East London	043 736 1700	Phumlani Sihlalo

Ukuba ungathanda ukugqabaza nge-BID yaye/okanye ungathanda ukuba yinxalenye yale nkqubo yesicelo, unako:

- ukuzalisa iFomu yamaGqabaza nokuBhalisa elapha uze uyifake kumntu onokuqhagamshelana naye kwezi nkcukacha zinikwe apha ngezantsi;
- ukufaka igama lakho, inkcazelo yoqhagamshelwano nomdla ngefoni; yaye okanye
- ukufaka amagqabaza abhaliweyo nge-imeyili okanye ifeksi ngexesha elibekiweyo lokubhalisa koluntu noviwo zimvo.

Nceda ufake igama lakho, inkcazelo yoqhagamshelwano nomdla kulo mba kuNkszn. Marissa Botha kwezi nkcukacha zilandelayo; iFowuni: 015 296 3988 / 084 226 5584 okanye usithumelele amagqabaza akho nge-imeyili ku botham@naledzi.co.za okanye ngefeksi ku-015 296 4021.

ISIMEMO SEENTLANGANISO EZICWANGCISIWEYO NOLUNTU:

Kanti uyamenywa ukuba ubekho kuyo nayiphi na kwezi **Ntlanganiso ziCwangcisiweyo** zilandelayo zale projekthi:

Umhla	Indawo	Ixesha	ISitishi soMbane
20 Agasti 2018	EVereeniging (City Hall) ESharpeville (Community Hall)	11:00 – 13:00 16:00 – 18:30	Lethabo Lethabo
21 Agasti 2018	EBalfour (Siyathemba Community Hall) EGrootvlei (Thabakgoadi Community Hall)	11:00 – 13:00 15:00 – 17:00	Grootvlei Grootvlei
21 Agasti 2018	EZamdela (Harry Gwala Multipurpose Centre)	16:00 – 18:00	Lethabo
22 Agasti 2018	EAmersfoort (Mayor's Hall) E-Ermelo (E-Ella De Bruyn Hall)	11:00 – 13:00 17:00 – 19:00	Majuba Camden, Majuba
23 Agasti 2018	EThubelihle (Community Hall) E-Kriel (EVolle Evangelie Church)	11:00 – 13:00 17:00 – 19:00	Kriel & Matla Kriel & Matla
24 Agasti 2018	EPhola (Community Hall) E-Emalahleni City Hall	11:00 – 13:00 16:00 – 18:00	Duvha, Kendal Duvha, Kendal
28 Agasti 2018	EHendrina (E-Kosmos Hall) Kwazamokhuhle (AME Church)	11:00 – 13:00 15:00 – 17:00	Hendrina, Arnot, Komati Hendrina, Arnot, Komati
28 Agasti 2018	Emonti, East London Museum	11:00 - 13:00	Port Rex
29 Agasti 2018	e-Edgemead (Edgemead Community Hall)	18:00 – 20:00	Acacia
31 Agasti 2018	EMidrand (E-Eskom Learning Academy)	11:00 – 13:00	Bonke

Ukukukhumbuza ngendlela onokuba nenxaxheba ngayo:
Unako:

- Ukubhalisa njenge-I&AP ngowe-11 Septemba 2018 okanye ngaphambi koko
- Ukufaka nawaphi na amagqabaza/izimvo ngale projekthi kwifomu elungiselelweyo yamagqabaza nokubhalisa ngowe-11 Septemba 2018 okanye ngaphambi koko:
- Ukwazisa nabaphi na abanye/ababandakanyekileyo ukuba ungachaphazeleka okanye unomdla kule projekti ngokubakhuthaza ukuba babhalise; uze
- Uye kuyo nayiphi na intlanganiso yoluntu ecwangciselwe le projekthi

Nceda uphawule ukuba iinkcukacha zoviwo lwezimvo zoluntu lwesi-2 ziya kuchazwa kwabaNomdla nabaBandakanyekileyo (I&APs) kamva.

Enkosi kwangaphambili ngokuthatha kwakho inxaxheba.

Ozithobileyo,

Marissa Botha (*Pri.Sci.Nat*)
Ngowe **Naledzi Environmental Consultants CC**
Idilesi yendawo yokuhlala: 145 Thabo Mbeki Street, Fauna Park, Polokwane, 0700
Idilesi yeposi: Suite #320, Postnet Library Gardens, Private Bag X 9307, Polokwane, 0700
IFowuni: 015 296 3988 Fax: 015 296 4021 Cell: 084 226 5584
I-imeyili: botham@naledzi.co.za